

isiXhosa



# SMALL BUSINESS **CUSTOMS TRADER**

Follow us on



## Iphepha lomrhwebi kwiziko lerhafu

Yenzelwe Iziko Lerhafu kune Nokusebenza ukuthumela/ukungenisa inkcazelo yabarhwebi.

### Ngaba ndimele ndisebenzise iirhafu kune nobhaliso lokusebenza njengomthumeli/umgenisi?

Oko kuxhomekeka kwiimeko zakho zuboqu kune nohloliso lobuqu nxamnye neemfuneko zomthetho ezichazwe kwicandelo 59A IoMthetho No. 91 Wezikor Lerhafu kune Nokusebenza ka-1964 (Umhetho Werhafu kune Nokusebenza) kune nemithetho ethi.

Akekho umntu onokungenisa iimpahla, okanye onokuthumela iimpahla, kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika ngaphandle kokuba loo mntu, ngaphandle komhambi, ubhalise njengomthumeli okanye umgenisi; yaye ummelle ligosa elibhalisiwyo, kwimeko yomthumeli okanye yomngerisi ongekhoyo kwiRiphabliki.

### Ndimele ndiyibhalisele nini ikhowudi yerhafu njengomthumeli/umgenisi?

- Ngaphambi kokuba iimpahla zithunyelwe okanye zingenis, i-SARS isenokufuna umntu okanye ishishini libe nemvume yaye lifumane inombolo yekhowudi yerhafu ngaphambi kokwenza nawuphi na umsebenzi ochazwe nguMthetho Werhafu kune Nokusebenza.

### Aba bantu balandelayo abaqukwanga kwiimfuno zokubhalisa ezifunekayo:

- Umntu, kuquka umhambi, othumela okanye angenise iimpahla aphi isimbuku sexabiso simele sichazwe singaphantsi kwee-R150 000 ebudeni bawo nawuphi na unyaka wekhalenda, enoba ezo mpahla zithunyelwe okanye zingenisiwe kwinto ethunyelwe okanye ezingakumbi
- Umntu othumela okanye ongenisa iimpahla ezichazwe phantsi komxholwana werhafu othi 9999.00.10 okanye 9999.00.20 njengoko kuchaziwe kumagqabaza awiSahluko 99 Socwangciso No.1
- Umntu ongenguye ummi woMzantsi Afrika ongenisa imoto ebhaliswe kwiRiphabliki kwilizwe elingekho kwi-SACU ikuze isetyenziswe ngokobuqu.

Abantu abangaqukwanga kwiimfuno zobhaliso basenokusebenza ikhowudi ethi 70707070 ngokuxhomekeke kule miba ilandelayo:

- umntu wemvelo
- Ungenisa iimpahla zisetyenziswe kwikhaya, ukungeniswa okanye ukuthunyelwa okwexeshana
- Kuboniswe kwindawo enikelwego kumthetho wokungena okanye kwifomu yokuchaza:
  - » Inombolo yembekiselo yomhlawuli werhafu Yeenkonzo Zerha ZoMzantsi Afrika; okanye
  - » Inombolo yoxwebhu Iwesazisi YoMzantsi Afrika, kwimeko yommi woMzantsi Afrika okanye kummi osisigxina weRiphabliki, okanye inombolo yoxwebhu Iwephaisipothi kwimeko yomntu ongenguye ummi woMzantsi Afrika nomhlali osisigxina.

### Ukuze ubhalisele ikhowudi kwiziko lerhafu

- Umele uzalise i-DA 185: ifomu Yesicel: Registration /Licensing of Customs and Excise kweeklayenti, kune namaxwebhu axhasa i-DA 185; okanye
- Usebenzise Inkqubo Yobhalisa Ye-Elektroniki uze uzalise uhlelo lwe-intanethi lwe-DA185 kune Namaxwebhu axhasayo afanelekileyo kwi-intanethi.
- Nceda ubhekisele kwiiNkqubo Zangaphandle ezilandelayo apha [www.sars.gov.za](http://www.sars.gov.za):
  - » Ukubhalisa KwiZiko Lerhafu, Imvume kune Nenkcazelo SC-CF-19
  - » Usebenzise Imvume kune Nobhaliso SE-LR-02

### Yintoni ekufuneka uyichaze?

Abarhwebi abangenisa/abathomela iimpahla bamele bangene baze xa kufanelekile bachaze zonke iimpahla Kwiziko Lerhafu. Bamele badlulisele onke amaxwebhu afanelekileyo ezo mpahla (njengamaxwebhu einvoyisi kune nezothutho njl njl), baze bahlawule uxanduva lokungenisa olusebenzayo, irhafu kune Nomgangatho Werhafu Edityanisiwyo (VAT) okanye uxanduva lokuthumela kune nerhafu.

## Ziintoni ezingahlawulelwayo/ezihlawulelwayo kwiimfuno zokungena?

Ezi mpahla zilandelayo ezingenisiweyo akufuneki zifakwe yaye azifuni ukuthunyelwa komthetho wokungena wokungena ("ukuchaza iziko lerhafu"):



- likhonteyina zokwexeshana ezingenileyo
- Uzmizimba womntu
- limpahla ngokoluvo loMkhomishani zezexabiso elingenayo intengiselwayo
- limpahla ezingeniswe ngaphantsi kwamazwe ehlabathi (oku kukuchaza irhafu)
- limpahla zexabiso zeenjongo zoxanduva ezingadluli kwii-R500, yaye akudlawulwa xanduva ngokoCwangciso No. 1 IoMthetho Wezikolo Lerhafu kanye Nokusebenza. Ukukhulula ezi mpahla zingasentla, IFomu DA 306 – ISicelo sokukhulula iimpahla ngokuvumelana necandelo 38(1)(a) IoMthetho No. 91 ka-1964 Wezikolo Lerhafu kanye Nokusebenza, imele igcwaliswe.

Ezi mpahla zilandelayo ezithunyelweyo akufuneki zifakwe yaye akufuneki zithunyelwe kumthetho wokungenisa ("ukuchaza irhafu"):

- Uzmizimba womntu
- limpahla, ngokoluvo loMkhomishani Wenkonzo Yerhafu YoMzantsi Afrika (SARS), azinalo ixabiso lentengiso
- limpahla ezingadluli kwixabiso lee-R500 yaye alihlawulwa ixabiso lokuthumela.

Umntu othumela naziphi na iimpahla ekubhekisewo kuzo ngasentla ufanele ufa ke isicelo sokukhulula kwezo mpahla kwifomu ethi DA 306A -Ukuthunyelwa kweempahla ngokuvumelana necandelo 38(3)(a) zifundwe nomthetho 38.03(b) IoMthetho No. 91 ka-1964 Wezikolo Lerhafu kanye Nokusebenza.

### Ziziphi iintlobo zoxanduva, kanye neerhafu ezinokuhlawulwa kwiimpahla ezingenayo?

- Uxanduva lwerhafu eqhelekileyo
- Uxanduva Olungqalileyo Lokusebenza kwiimpahla ezingenayo zeklasi efanayo okanye uhlobo Iweempahla ezenziwe ekuhaleni
- Uxanduva Iwe-Ad Valorem Excise kwiimpahla ezingenayo zeklasi efanayo okanye zohlobo Iweempahla ezenziwe ekuhaleni
- Uxanduva Lokungalahli kanye Noluchasayo
- Uxanduva lokukhusela
- Irhafu yemeko-bume
- Umgangatho Werhafu Edityanisiweyo (VAT).



\*Uxanduva lokungalahli kanye Noluchasayo lufakwa kwiimpahla ezilahlwa eMzantsi Afrika, kuquka nakwiimpahla ezingenayo ezixhaswa ngemali.

\*Uxanduva lokukhusela yirhafu kwiimpahla ebezibaniwe ebezingena nezibangele umonakalo kumashishini asekuhaleni.

Kukwakhona Irhafu Yokungenisa kwiimpahla ezithile njengamatayari, iibhegi zeplasitiki, iiglobhu zokulayita kanye neziselo ezineswekile.

\*Kukho Irhafu Yokuthumela Idayimondi ehlawulwa ngumntu onemvume (onelayisensi) njengoko kuchaziwe kuMthetho No. 14 ka-2007 Werhafu (Wolawulo) Yokuthumela Idayimondi, kuxhomekeka kwimilinganiselo ethile yokukhulula kanye nokungahlawuli njengoko kuchaziwe.

## Iimpahla ezithintelweyo kunye nezalelwyo

- I-SARS ilawula ezinye izithintelo kunye nezalelo egameni lamasebe karhulumente, amaziko kunye namaqumrhu
- Isalelo sithetha ukuba iimpahla azivumelekanga ukungena okanye ukuphuma eMzantsi Afrika
- Izithintelo kuthetha ukuba iimpahla zivumelekile ukungena okanye ukuphuma eMzantsi Afrika ngaphantski kweemeko ezithile umz. kufuneka imvume okanye isatifikethi.

Ukuze ubone uluhlu "Prohibited and restricted goods SC-CC-32", tyelela iphepha Iziko Lerhafu le-SARS kwiwebhusayithi ethi [www.sars.gov.za](http://www.sars.gov.za).



**Qaphela:** Abarhwebi kunye nabahambi bamele bazi Umlthetho No. 37 Weempahla Zomgonyathi ka-1997, ochaza ukuba iimpahla ezenziwe ngomgangatho ophantsi okanye ezithengiswa phantsi kwenye ibrendi, ngaphandle kwemvume yomnini webrendi, oko kukwaphula umthetho apho umntu yaye/okanye iinkqubo zokwaphula umthetho zinokwenzeka nxamnye nomoni.

## Imali eyalelwyo

- Umhambi uvumelekile ukuchaza yaye aphathe ii-R25 000 / ayisikelwanga mda imali yamanye amazwe, enoba uyaphuma okanye uyangena
- Umhambi ufanele achaze enoba okanye kuye unawo nawaphi na amaphepha emali, igolide, izinto ezigciniwe okanye imali yamanye amazwe; aze avelise nawaphi na amaphepha ebhanki, igolide, securities okanye imali yamanye amazwe anayo kuye
- Amaphepha ebhanki oMzantsi Afrika awasikelwanga mda ukuba umhambi uya / uvela kwilizwe Lendawo Lemali Eqhelekileyo (CMA)
- Abahambi bacetyiswa ukuba baqhagamshele Ibhanki Enguvimba YoMzantsi Afrika ukuze bafumane imvume ngaphambhi kokuhamba nemali ukuwela imida yoMzantsi Afrika
- Nangona kungekho salelo esisemthethweni semali onokuyiphatha kwinqwelo-moya, ukuba uya kumazwe ehlabathi umele uchaze imali engaphezu kwee-\$10,000 kwifomu yakho yerhafu, yaye ulungele udliwano-ndlebe neziko lerhafu okanye amagosa omthetho ukuze ucacise ngemali onayo kuwe.

## Kwenzeka ntoni xa ndingathobel iimfuneko zezikolo lerhafu?

I-SARS izimisele ekufundiseni yaye nasekwaziseni abarhwebi ngoxanduva Iwabo Iwerhafu ngeendlela ezahlukeneyo zongenelelelo, ukuze ikuncede ukwazi ukugcina imiba yakho yerhafu ngendlela. Abarhwebi abay bafunyaniswa bengathobel bay aukwela phantsi koMthetho No. 91 Welungiselelo Lesohlwayo Lezikor Lerhafu kunye Nokusebenza ka-1964, equka isohlwayo, intlawulo okanye ukutshutshiselwa ukwaphula umthetho.



**Qaphela:** Ukuba uqala ishishini elitsha, kufuneka ubhalise inkampani yakho kwi-Company and Intellectual Property Commission (CIPC) eyayisaziwa ngokuthi CIPRO apha [www.cipc.org.za](http://www.cipc.org.za) yaye i-SARS ngokuzenzekelayo iya kwenza Irhafu Yomvuzo Yenkampani (CIT) yenombolo yembekiselo yakho. Umntu omele inkampani umele abhalisele i-eFiling ku-SARS ukuze ahlakiye inkcazel, yaye ashishine nge-elektroniki kunye nendlela efanelekileyo no-SARS.

**DISCLAIMER:** The information contained in this leaflet is intended as guidance only and is not considered to be a legal reference, nor is it a binding ruling. The information does not take the place of legislation and readers who are in doubt regarding any aspect of the information displayed in the leaflet should refer to the relevant legislation, or seek a formal opinion from a suitably qualified individual.

Ngenkazelozu engakumbi unako-

- Ukutyelola iphepha Lerhafu kunye Nokusebenza kwiwebhusayithi ye-SARS ethi [www.sars.gov.za](http://www.sars.gov.za).
- Ukufovunela SARS Contact Centre
  - Ukufovunela ekuhlaleni, apha 0800 00 7277 (khetha ukhetho 4)
  - Ukuva ufwuna phesheya, apha +27 11 602 2093 (kuphela phakathi kuka-8 kusasa kunye no-4 emva kwemini ngexesha loMzantsi Afrika)